URhulumente weNtshona Koloni

lSebe leMfundo leNtshona Koloni
I-Ofisi yeNtloko yeSebe leMfundo
Eduhead.Eduhead@westerncape.gov.za | 021 467 2536

Inombolo yefayili: 14/3/1/3
Isalathiso: 20230327-2922

Iya: KwiiNqununu, kooTitshala nakubasebenzi abasezikolweni kwizikolo zikarhulumente

(Makwaziswe : amaBhunga oLawulo, iMibutho yamaBhunga oLawulo neeManyano zooTitshala)

Boogxa aBabekekileyo

IMIHLA NAMAXESHA AMISELWEYO EZICELO ZOKWAMKELWA KWABAFUNDI EZIKOLWENI NGO-2024

Oku ndikunxulumanisa neSetyhula 0037/2022, yomhla we-14 Septemba 2022: Imihla namaxesha amiselweyo ezicelo zokwamkelwa kwabafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nolawulo lwengcaciso engokwamkelwa kwabafundi ezikolweni ngo-2023/2024.

Le setyhula ikucacisa gca ukuba izikolo zinokukuqala ukusingatha izicelo ezingeniswe ngabazali ukususela ngowe-17 Apreli 2023.

Ngoko ke kukho inkolelo efanelekileyo nesemthethweni yokulindela ngakwicala labazali ukuba banexesha kude kube ngu-23:59 ngowe-14 Apreli 2023, lokuzalisa nokungenisa izicelo zabo phambi kokuba izikolo ziqalise ukuzisingatha izicelo zabo.

lSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i-*WCED*) lipapashe imihla namaxesha amiselweyo okufakwa kwezicelo zabafundi ezikolweni jikelele nakumaqonga onxibelelwano. Inkqubo yokwamkelwa kwabafundi ayisebenzi ngomgaqo othi "kukhethwa abafike kuqala", yaye ingazivumeli izikolo ukuba zikuchaze ukuphumelela nokungaphumeleli kwezicelo de kuvalwe inkqubo yokufakwa kwezicelo zokwamkelwa kwabafundi ngowe-14 Apreli 2023.

Ngethuba lokufakwa kwesicelo, umzali unokusihlela (*edit)* isicelo sakhe kwisistim yaye oko kunokuquka ukuhlelwa kweenkcukacha zakhe ezifana nedilesi okanye izikolo azikhethayo. Abazali banokusebenzisa eli thuba ukufuna nokufaka amaxwebhu abo ahamba nesicelo.

lSetyhula 0037/2022 ikucacisa gca oku kulandelayo :

5.4 Izikolo azinako ukutenxa kumaxesha amiselweyo.

5.5 Izikolo ezingayilandeli ngqo imihla namaxesha amiselweyo, kuya kujongwana nazo ngokwenkqubo yeSebe i-*WCED*.

5.6 Izikolo AZINAKUBACHAZELA abazali iziphumo zemo yezicelo (*status*) zabo phambi kokuba zipapashwe kwi-*Online Admissions System*.

Ngenxa yesiphumo soku kungentla, izikolo azinakuyicacisa imo yezicelo njengeziphumeleleyo nezingaphumelelanga kwisistim ukususela kowe-17 Apreli 2023, njengoko kucacisiwe kwisetyhula ekhankanyiweyo.

Ukwenzela ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwale migaqo, iSebe i-WCED liyivalile isistim ukulungiselela ukusingathwa kwezicelo. Izikolo ziya kubanako ukubona izicelo ezingenisiweyo kwizikolo zazo ukwenzela ukuba zikungqinisise ukuzamkela izicelo kubazali abafake izicelo.

Masiqinisekise ukuba kukho inkqubo yezolawulo enobulungisa engqinelana noMthetho i-*Promotion of Administrative Justice Act, 2000 (Act 3 of 2000),* onika abazali ixesha lokuzalisa nokungenisa izicelo ngokupheleleyo, ngendlela enobulungisa, ngaphandle kokunyanzeliswa, nangokwemihla namaxesha amiselweyo apapashwe jikelele.

Izikolo ke ngoko ziya kuba nenyanga epheleleyo ukususela ngowe-17 Apreli kude kube ngowe-19 Meyi 2023 ukusingatha izicelo kwisistim.

Sinethemba lokuba iinqununu namabhunga olawulo ayakuqonda okuthethwa koku ngokumalunga nabazali yaye kungoko kukho imfuno yokuba mayicaciswe le nkqubo ngale leta.

Zonke izikolo ke ngoko kufuneka ziyilandele ngqo le mihla namaxesha amiselweyo acacisiweyo.

Imibuliso emihle

BRENT WALTERS
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2023-03-27